# Ingwe Idla Ngamabala ! !

## Masingatengisi Ngomb'ona ! Lento Yenza Indlala ! !

Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.

Timbilili ! Watsho okade elele
    Wabuya wavuka
Ttmbilili ! Yatsho intaka yendada
    Zomzantsi Afrika.

Satshabalala tina ngokuswela ukwaz'
Mawetu ! Masingatengisi ngomb'ona
Sibuye siyokuwutenga kwatina
Sesibhinqa irca ngokufa yindlala.

Zipina izityebi zelixesha letu
Lento umb'ona uya ezivenkileni
Ko bawo Indyebo yayingumtunzi
Awu noko ! Sibhonti tina madoda.

Bekungaseko namnyena kwabadala
Ke axelele lenzala yelixesha
Sonke sisel' Iti akuseko qitala
Sitshintsha nomb'ona ngenxa yeswekile.

Apin'amasiko ase luhlangeni
Sasivele nawo kwasemandulweni
Zipina Inkomo ? Apina amasi ?
Lipina Ihasa ? Kwanemixoxozi?

Akuko ntwisento ! Sip'oko p'alala
Sitshintsha nomb'ona ngenxa yeswekile
Simkile kwapela namangabangaba
Ngenene ngenene sifaml'enkungwini.

Xa siwutengisa siw'tengisa lula
Xa siyakuw'tenga umlungu aw'xhome
Kodwa yininale ! Kuyiwa ngapina
Ngumzi wako wetu sakufa yindlala

I Tea le kakade yeza neshwangusha
Ik'upa ingxowa ziy'evenkileni
Simkela kwapela namangabangaba
Lumkani mawetu ! Soba ngamaswili.

Zipin' izisele zamaxesh' obawo
Lento izisele sezise Judeni
Sibuye kwatina sesiya kuw'tenga
Nezizwe zomhlaba zixwitana ngati

Elokugqibela manditi mawetu
Masingatengisi konkena ngomb'ona
Sibuye kwatina sesiyakuw'tenga
Ingwe le ke apo idle ngamabala.

Camagu ! Awu ! !